URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Phagan Abrahams
ICandelo loLawulo lokuThengwa kweMpahla neeNkonzo
Phagan.Abrahams@westerncape.gov.za | 021 467 2762

Isalathiso: 20220510-1980
Inombolo yefayili: 5/1/7/Revised procedures for official gatherings

ISetyhula: 0021/2022
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kuBaphathi beeSekethe nakumaGosa akwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili

Isishwankathelo esifutshane: *linkqubo ezihlaziyiweyo zokulungiselela iindibano zaseburhulumenteni (iisemina, oomasifundisane, iiseshoni zoqeqesho, iintlanganiso zeeforam neenkomfa)*

Isihloko: linkqubo ezihlaziyiweyo zeendibano zaseburhulumenteni ezilungiselelwe uNdlunkulu nee-ofisi zezithili

1. Injongo yale setyhula kukwazisa onke amagosa eSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*) ngeenkqubo ezihlaziyiweyo zeendibano zaseburhulumenteni (iisemina, oomasifundisane, iiseshoni zoqeqesho iintlanganiso zeeforam neenkomfa) ezilungiselelwe uNdlunkulu nee-ofisi zezithili.

2. ISetyhula 0019/2017, yomhla we-06 Meyi 2017 itshitshiswe ngokupheleleyo.

3. Kucelwa ukuba amagosa alandele iinkqubo zokuthengwa kweempahla neenkonzo eziqhelekileyo ukwenzela ukufumana iinkonzo ezilolu hlobo. Zinokuthengwa kulandelwa inkqubo yokusebenzisa ipetikheshi, inkqubo yokwenza ikowuteshini (e*Procurement Solution*) okanye inkqubo yesiniki-maxabiso emiselweyo.

4. ISebe i*WCED* kufuneka lithobele imiqathango yale setyhula, i-*National Treasury Regulations and Instructions*, i-*Provincial Treasury Instructions,* i-*Accounting Officer's System*, i-*Supply Chain Management and the Financial Delegation of Powers,* ezimalunga neenkqubo zokuthengwa kweempahla neenkonzo neentlawulo, ukuphepha nayiphi na inkcitho engekho mthethweni, engagunyaziswanga, engenanzuzo ekukudyakraza neyilahleko.

5. Le setyhula iqalisa ukusebenza ngowe-01 Juni 2022.

6. Makwaziswe okuqulethwe yile setyhula onke amagosa achaphazelekayo ukuze akuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-B WALTERS
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2022-05-05